



Inombolo yefayili: 21/2/5/2/GR:3-4 BRIDGING
Isalathiso: 20231010-8701

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharithyulam ye-GET: DCG 0011/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithyulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli beSigaba esiPhakathi/se-GET, kuBacebisi ngeZifundo beSigaba esiPhakathi, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo

ISihloko: Isicwangciso esicetywayo sokunceda abafundi beBakala 3 badlulele kwiBakala 4

1. Ukudlulela kwisigaba sesikolo esitsha kunokusoloko kungamava abangela umothuko omkhulu kubafundi. Kubafundi abancinane oko kubonakala ngathi kungumngeni ongaphezulu ngakumbi. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) linenkxalabo yokuba ngenxa yexesha lokufunda ekuphulukenwe nalo, ukunceda abafundi beBakala 3 badlulele kwiBakala 4, kungaba ngumngeni omkhulu kubafundi ngo-2024.
2. ICandelo leKharithyulam ye-*General Education and Training* leSebe iWCED likwakuqaphele njengenjongo ephambili ekujoliswe kuyo, ukuphuhliswa kwezakhono nokunikwa inkxaso kwabafundi beBakala 4 nootitshala ngo-2024. Inqanaba lokuqala lophuhliso nokunikwa inkxaso liya kugxininisa kutshintsho olungenamagingxi-gingxi (*smooth transition*) ukusuka kwiBakala 3 ukuya kwiBakala 4, oluya kulandelwa kukunikwa iingcebiso nenkxaso kootitshala beBakala 4 ngo-2024.
3. Inkqubo iya kuqala kwiKota 4 ngenkxaso ekucetyiswa ngayo yokubancedisa badlulele kwisigaba esilandelayo yaye iya kuczululwa ukunika iingcebiso kumanqanaba nakwimigangatho eyahlukileyo.
 - Ukucwangcisa iKota 4 yango-2023;
 - Amalungiselelo eveki ye-27 Novemba 2023;
 - Inkqubo yokudluliselwa kwabafundi abasuka kwiBakala 3 ukuya kootitshala beBakala 4;
 - Amalungiselelo oSuku oluVulelekileyo lweBakala 4 ukwenzela abafundi;
 - Inkqubo ngoSuku oluVulelekileyo, kunye
 - Nokuxoxa ngenqaciso yencwadana yabazali yeBakala 4

4. Inkqubo yokuncedisa abafundi badlulele kwisigaba esilandelayo icaciswe **kwisiHlomelo A**.
5. Kucelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kwiKomiti zoLawulo zeZikolo nakootitshala beBakala 3 nele-4.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-10-19